ISIVUMELWANO SOMSEBENZI, NEMIGAQO YOKUZIPHATHA KUNYE NOXANDUVO

Esisivumelelwano siphakathi koZackie Achmat (iLungu lePalamente elizimeleyo) kunye naba xhasi be-Zackie2024

Mna, Zackie Achmat ndiqinisekisa ngokunyanisekileyo ukuba xa ndonyuliweyo ePalamente ndizakwenza okulandelayo:

Umgaqo-siseko, iBhili Yamalungelo nemithetho

1. Ndizakuhlonipha Umgaqo Siseko, yonke imithetho yelilizwe kwaye ndiqinisekise ezinqubo zedemokhrasi ezilandelayo; isidima somntu, ukulingana, ubulungisa nenkululeko.
2. Ndizakukwala ukuthatha okanye ukucela isinyobo ngokobuqu bam kwaye nangokwe ndima yam ndiliLungu lase Palamente.

Imigaqo yokuziphatha

3. Ndizakunyaniseka, ndithobele, ndiziphathe ngentembeko kwaye ndiphathe wonke umntu ngentlonipho nesidima.
4. Ndizakuthetha inyaniso eluntwini ngokungasebenzi kakuhle ngabasemagunyeni kwaye ndibelubala ngomsebenzi wam xandonyuliwe.
5. Ndizakubeka elubala eluntwini yonke inxaso mali endiyifumanayo yokhankaso.
6. Ndizakwenza unyuso lwengxowa mali ngeminikelo emincinci kangangoku ndinako. Ngokuthathela ingqalelo yokuncipha kwezoqoqosho lweli, ndizakwamkela iminikelo emikhulu esuka kubantu abazizityebi. Yonke iminikelo emikhulu izakwamkelwa ngesibophelelo sokuba akukho nzuzo ezafumaneka ngokunikela kwabo ngemali. Akukho nxaso ngemali endizayamkela esuka kwabantu aba namashishini ezikhali, amacuba, obutywala, amachiza namayeza kunye nabe-oli ekrwada.
7. Ndizaku bonisana ngobubanzi phambi kokuba ndivote njengeLungu lePalamente kwaye ndenze imbali yevoti zam kwikomiti nasePalamente zifumaneke eluntwini.
8. Ndizokwehla esikhudleni ngoko nangoko ngaphandle kwentlawulo

Vote #Zackie2024 #FixTheState

ukuba ndibekwe ityala lorhwaphilizo okanye olunye ulwaphulo-mthetho (ngaphandle kwemeko yokungathobeli imithetho enyasha amalungelo oluntu okanye imigaqo-nkqubo engalunganga) kwaye ndiyakurhoxa esikhundleni ukuba ndifunyenwe ndinetyala.

Lungisa uMbuso

9. Ndizaku sebenzisana kunye nemibutho ukunceda ukuLungisa uMbuso kwaye nokuqinisekisa ukuba uMbuso usebenza ngokufanelekileyo, uvuleke eluntwini, uthathe noxanduva kwaye uqeshe amagosa karhulumente anobuchule, anezakhono kunye neziqinisekiso zezifundo.
10. Ndizaku xhasa kwaye ndazize imithetho enceda abasebenzi ukulungisa uluntu lwethu.
11. Ndizaku zama ukujoyina kunye nokuzimasa kwiKomiti yengxowa yoluntu ePalamente eyaziwa ngoSCOPA, ukuqinisekisa ukuba imali yoluntu isetyenziswa ngokufanelekileyo.
12. Ndizakutwhalisa kurhulumente uxanduva kwaye ancothule urhwaphilizo, ulawulo olugwenxa, oku ndizakukwenza ngoku nyanzelisa ubungqina, ukuveza amaxwebhu asetyinzisiweyo kunye nokwenza uhlolo kwamasebe karhulumente.
13. Ndizokwazisa amagama eluntwini lwamashishini, amagosa karhulumente kunye namagosa ezopolitiko abandanyeka kurhwaphilizo ukuqinisekisa ukuba ingalo yomthetho iyayibamba imigulukuthu.
14. Ndizaku sebenza ukuqinisekisa ukuba urhulumente ubonelela uluntu ngombane othembekileyo, ozinzileyo nofikelelekayo ngexabiso kuwo wonke amakhaya nakumashishini.
15. Ndizaku sebenza nemibutho yaseluntwini, oomasipala kunye noorhulumente bamaphondo ukuqinisekisa iinkonzo zikaloliwe ziyafumaneka ezithembekileyo, ziqheleke, zikhuseleke nezifikelelekayo.
16. Ndiza kunika inkxaso kumagosa, imibutho, iintshukumo kunye neengcali ezisebenzela ukuphucula umgangatho lwezemplilo, ngakumbi impilo yengqondo kunye nokusetyenziswa bugwenxa kweziyobisi kunye nobutywala.

Ukwakha Intsukumo kunye nokuBuyisela iPalamente eluntwini

17. Ndiza kuncedisa ukwakha intshukumo yoluntu ezokuthi ibuyisele iPalamente eluntwini kwaye kulungiswe uMbuso.
18. Ndiza kubeka phambili umsebenzi wokuqinisekisa ukuba uluntu luthatha inxaxheba kumsebenzi wePalamente.

19. Ndiza kubonisana nemibutho yoluntu, iimanyano zabasebenzi (itrade unions) nengcali ezisebenza ngemicimbi yezentlalo, yezoqoqosho, ubulungisa bemozulu apho kuzodibaniswa nezobusini, LGBTIQ+, ulutsha, abasebenza ngesondo, abafudukele kwamanye amazwe kunye nabaphila ngoku khubazeka.
20. Ndiza kwenza onke amaxwebhu okanye iirekhodi endithi ndifikelele kuzo zitsho zifumaneke lula eluntwini.
21. Ndiza kubamba intlanganiso ibenye ngenyanga noluntu ukuze ndimamele kwaye ndiphendule ebantwini.
22. Ndiza kwenza umsebenzi wePalamente ufikeleleke kumntu wonke ngamaphulo osasazo.

IKomiti yoXanduva nokuZiphatha

23. IKomiti yoXanduva neKomiti yokuZiphatha iya kusekwa ngoba izoku ndithwalisa uxanduva lokuphendula kwizibophelelo endithe ndazifaka kwesisivumelwano. Iya kulawula inkqubo yokubekwa kunye nokuphandwa kwezikhalazo ezinenjongo. IKomiti yoXanduva inakho, xa kukho imfuneko, yonyule umphandi ozimeleyo ukuba aphande kwaye enze iingcebiso ezifanelekileyo kwaye nezohlwayo eziquka ukusebenzisa ilungelo lokundehlisa esikhundleni njengeLungu lePalamente.

Uxanduva lwabaxhasi beZackie2024 kwesisivumelwano

24. Thina baxhasi bephulo likaZackie2024 siyafunga okanye siyaqinisekisa ukuba siya kuhlonipha, sikhusele, sikhuthaze kwaye siqhubele phambili amalungelo kunye nemisebenzi equlathwe kuMgaqo-siseko, kunye nayo yonke eminye imithetho kwaye siqinisekisa iinqobo zedemokhrasi zesidima somntu, ukulingana, ubulungisa nenkululeko.

Sizokwakha uluntu lwethu

25. Asizokulinda kurhulumente okanye amaqumrhu ukuba akhe iindawo zethu zokuhlala ezixinwe yindlala, intswela-bulungisa, ukungalingani, imivuzo ephantsi, intswela-ngqesho, ulwaphulo-mthetho, imibono emibi, ukubanjwa kombuso ngobhongwane kunye norhwaphilizo. Sinomsebenzi wokwakha uluntu oluphila ngesidima nokhuseleko kunye nemivuzo ekhuselekileyo. Uluntu olunenkathalo olwakhelwe phezu koqoqosho kunye norhulumente okhathalayo ozokuthi akwazi ukuzuza ubulungisa, ukulingana kunye nenkululeko zonke ezizibophelelo zitsha ngaphakathi kwintliziyo ngokuzinikela kwethu kule ntshukumo.

Vote #Zackie2024 #BuildOurCommunities

26. Sizakuba yinxalenye kwaye sakhe imibutho esekelwe kuluntu sisebenzisana namaqumrhu afana ne-neighbourhood watch, inkcubeko, imidlalo, amaziko kunye neenkqubo zemfundo. Umsebenzi wethu uzokwakha iintshukumo zobulungisa bezentlalo, ezoqoqosho, ezopolitiko kunye nesini.
27. Njengabaxhasi be-Zackie2024 siya kwakha uluntu olukhuthaza ukulingana kunye nobulungisa kumntu wonke kuquka abantu abaphila ngokhubazeko, abasetyini, LGBTIQ+, kunye nabafudukele kwamanye amazwe.
28. Sizibophelele ekuchaseni ucalucalulo lomntu ngamnye kunye nolwenkqubo yokwakha uluntu olungacaluli ngokobuhlanga.

Lungisa uMbuso nokuBuyisela iPalamente eluntwini

29. Siza kwakha imibutho yokulungisa umbuso kuwo onke amanqanaba, ngoku sebenzisa icandelo-195 loMgaqo-siseko. Njengabaxhasi bakaZackie2024 siza kwakha iPeople's Standing Committee on Public Accounts and Procurement (iKomiti yolutu ezojongana negxowa mali yoluntu nokusetyenziswa kwayo).
30. Singabantu, iintshukumo kunye nemibutho, inyathelo lethu lokuqala lokubuyisela ipalamente kukukhankasela kwaye sivotele uZackie Achmat kunyulo lukazwelonke ngo2024.
31. Siza kunceda uZackie Achmat azalisekise zonke izibophelelo azenzileyo malunga ne-SCOPA, , iinkonzo zikaloliwe, uSASSA kunye nempilo yengqondo egxile ekunciphiseni ingozi yokuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi.

Ndisithatha esisingqiniso njengesibophelelayo kwisazela sam kunye nezibophelelo ezikwesisivumelwano njenge siyanzeliso ngokusemthethweni.

ISAYINWE: ..... **UMHLA:.....**

ZACKIE ACHMAT

ZACKIE2024 NJENGAMANGQINA:

.....

.....